

DYER NO DYER,
KING WILLIAMS TOWN.

W. McGLASHAN & CO.,

(MAGALA),
E-DIKENI.

¹ BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntiobo zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO,'

Zonke Intlobo Zabatsatayo Kwesi Siquingata, " Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ; ifixa.

^o Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa

W. McGLASHAN & CO.,

E-Dikeni.

ⁱⁱ
³
i Bani awona manani apakamileyo ngo BOYA, IZIKUMBA, IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo, Injalo
i IZILIMO zitengwa ngamani ase Markeni.

UKUBA.

¹ "TTFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLWA, U UMBONA, AMAZIMBA, nokuba ZITAPILE,

Ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

³ Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e " Marikeni

i TUMELA okanye UYE

ⁱ
KO
GILBERT FOX AND SON,
MARKET SQUARE,
KING WILLIAMS TOWN.

IFANDESI ELIKULU

-LE
MPAHLA NE NGUBO,

GIBBERD & BRYANT.

ZIYALAHLWA

Ikaliko emhlope iqalela kwi 23d.

I-lokwe ziqalela kwi 33d.

EZISEKOYO!! EZISEKOYO!!

NGAMATAMSANQA AMAKUL U!!!

Eza 25s, Isuti-Zamadoda ze zitofu zityotyelwe kwi 1411. Ibatyi Zezitofu Zamadoda nazi ziqalela kwi 3/11. Ibhulukwe Zezitofu ngesiqingata se xabiso. _

KUXONYWE NGAZO

GIBBERD&BRYANT,

Isaziso nge Concert e Bhai.

IMVO ZABANTSUNDU

NGE 22 ku JULY, Abaculi bama Wesile ase Tinara, biya kwenza Umculo (Concert) e Bhai kvsindlu ye Sikolo Semini sika Rev. B. Dlepu Sirmema umzi ontsundu ose Bhai ukuba mauze usixase ngokuza ngalomhla. Imali yalo mculo iya kuncedisa kwityala lomhlaba wendlu yomfundisi naye tyalike, otengwe ngumzi wase Tinara ontsundu.

DAVID MSIKINYA,

Ziti7790 Uitenhage, July 7, 1990

IZAZISO NGE MVO

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle indlela yokuhlafuela ‘‘IMVO ZABANTSUNDU’’

ukuba intlaulo

Erolelwa Ikwata, xa ifilke kwange nyanga yoku- qala..... 3s.

Erolelwa Ikwata, ifilke emva kwenyanga yo-kuqala 3s. 6d.

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlaulele wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo yonyaka ifilke kwa usaqala, 12s.

Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itunyelwa nge Money Order efunyanwa kwi Post Offices.

Iveki.

E-LOVEDALE kukangelwe ukufika kwa. , makwenkwe avela e Abisinia kufopi ne Yeputa, aku 60, azakufunda kona; akelwe indlu ebucaala.

UMHLAMBI wendlowo ezikumashumi omahlanu uke wabonwa ngezintsuku kufupi naee Addo kwindlela kaloliwe eya e Bhai.

ABAFAZI abantsundu ababini badliwe ngumantyi wase Qonce 5/ emnye, ngoku. sake tateze kumhlaba wedolophu. Ite iyabavusa ngesosohwayo sincinane kuba sekumzuzu engasabiko amatyala olohlobo.

SIYAVUYA ukuva ukuba u Mr. Robert Moffat, obeke efunda e Lovedale, waza wabuye wase St. Andrew’s College e Rini upumecele i degree ye M.B. e Edinburgh.

NG ATI ayakuba maninzi amaxwane nonyaka kweli lingpantisi. Enye ifama ngase Gqunube kutiwa igusha zayo zinamatakane afisileyo kumakulu aeibhozo.

KUKO abasebede barola £3 ngengxowa yembewu yengqolowa Engquehwa.

NGENXA yobuninzi besivuno sombona kumblope ukuba akasakubananani. E Monti knvakala ukuba aqakile kwinto efunekayo.

IBHAXINTI elingu Ferroli kwabebaleke e Kapa lifunyenwe kwapakati komzi ; u McGiddy no Pringle akukavakali nto ngabo.

AMABANDLA EMVO ayakunjuzwa ngesixhaso ayo.

INKOSI engu Tinta yangase D.ndee e Natal, kutiwa ite yakubhujelwa ngabantwana bayo ababini yavumisa kwanukwa umfo ekwenziwe iqinga ukuba abulawe, utshecwe inyawo nezandla, yosiwa intliziyo, isidumbu sarolwa ngehashe ukuyakufihlwa.

INKOSANA yamadindala e Kapa idliwe iponti ezintlaulu, ngokwalela umntu webala ukuba angene ematyaleni kutetwa. Tshotsho !

IPEZOLO kwityalike ye Methodists Aliwal North libe limiselwe ukwamkelela ebufundisini obuzeleyo ngokubekwa kwezandla u Mr. Butt, Junior, wakona akubon’ ukuba aligqibile ixesha lokulingwa. Inkonzo ibyakuqutywa ngu Rev. R. Lamplough encediswa ngu Rev. G. Weaver, Rev. Wesley Hurt, no Kev. Mr. Marchand welama Bhulu.

IMALI ye Tola yomcancato we Gqili ebiyeyecala lase Free State iyakupeliswa ngo 4 August ozayo. Ebiyeyecala lase Koloni yapeliswa nyakenye.

IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION).

Ipalamente.

Inkundla ibanjiwe zingxoxo ezipatelele knloliwe; yonke enye into isuke yafihlwa lutuli olnvuswe zezingxoxo. Buqetulwe bonke ololiwe abebebekwe pambi kwebandla ngu Sir Gordon Sprigg ngapandle kosnka End we nye e Molteno. Wati u Mr. Sauer nkuze abonise nkuba seledlala ngaye, wangenisa uloliwe obengafunwa kanye yi Monti nabantu abanebirinisi kwizitili zangase Mpumalanga—osnka e Molteno oya e Middelburg Road, akubon’ ukuba u Sir Gordon nbengenise owase Norvalspont osnka e Burghersdorp, waqetnlwa oka Sir Gordon, kwamkelwa oka Mr. Sauer. Indawo efunwayo zintloko zabantu ngoku kukuba uyakupnma akapumi sinina u Sir Gordon ebupakatini njengokuba ite yadlala ngaye ngolublobo i Palamente. Okwesika Sir Gordon isiqu nsalele ugenx’ enengqele anayo. Ubeko ngolwesi Bini wazisa ukuba uya kulungiselela ukupuma.

Amanqkwana esivapaulayo anabelungu bevenkile e Transkei, u Col. Griffith ubuze ukuba sekuko nto azimisele kuyona u Rulumeni mayelana nokwenzela abelung bevenkile base Transkei amalungelo asebanowo abezinye indawo mayelana amaxabiso e Lasensi ukhulauliswa £3 ize ngapezulu babizwe £10.—U Sir Thomas Uppington upendlela ngeliti lomcimbi uyakuvelelwa ngumnto omtsha onge Transkei ozakubekwa pambi kwebandla. Ute ishumi leponi elibhatalwa e Transkei ngapezu kwe £3 yelaseni liyirafu yesiza nangapandle kwamalungelo okurweba Isiqibi abemi kuso abatangisi e Transkei sahlukile kwesabase Koloni ngecala elibhekiselele ekutengisweni kotywala.

Ingxoxo ezingabasebenzi abantsundu ezifama nangokukatswa kwezicaka ezapule imiteto yenkosi zaze—ziyakulandela asinesituba sazo kakuhle kwelanamhla.

Abalimi na Barwebi.

Sidwelisa amaxabiso—kwindawo ngendawo — ezinto ekurwetywa ngazo ngama wetu, njengoko atunyelwe ngo Mantyi Komkulu, E-Kapa, axela into abeyiyo ngo-Mgqibelo, 8 June, 1890, amaxabiso ezinto :—

SIVE SABONA.

U “Sable African” (Basutoland) ilila ngencwadi ehlatywe ingabonwanga—kumhlope ukuba ubhale engakangelisanga. Asiso aigelo setu ukwenjenjalo. ***

E-Kapa kubikwa umpanga wesinonopu sase Mangesini, esineminyaka emininzi sihleli kona, u Right Hon. Lord Stamford. Ubekupela komunnumzana onelo wonga lokuba kutiwe ngu Lord kulo lonke eli, laye libekeke ngokuzalwa. Uknza kwake kweli wayengumfundisi, u Rev. Harry Grey, wahlala-wahlala watskata nentokazi entsundu yelo langase Kapa. Kubhubhe umzalwane okufupi naye egazini uyawembete eligama lingu Lord Stamford, kwati kuba nguye indlamafa, lawela pezu kwake. Abatena kuka kubo no sibari kumagwangga bayakutomalala ukwa ukuba banokutsho nakwi Lord zombuso we Nkosazana ukuti sibari. ***

Yayibubusuku, kufupi nendlela ka loliwe, awati umhlobo wetu ongumfundisi wafumana limyile. Uhamba nenqwelo nentsapo yake. Uti abone sekulela itreni kumjikelo utile, otuswe liliso apa layo elikulu, addive lualo lokuba selenyatelwe yena nabake. Selesitsho lingaseko itemba ukuti mayihle intsapo enqweleni isindise ubom bayo. Suka okwenene kusa kwelo tafazana. Ukambula sekumwa ukuba kanene intreni yinto ehamba pezu kwentsimbi, ayizi kubo, kuba yayimigama nabo indlela! Utuswe liliso kuba libajongile, waba yonde ngabo. Ayibanga ntsini, isuke yasiqarala. ***

Enye yento ezinandipekayo ngelixesha kweli simele Iona yingquko yododana lwakowetu ukufuna Umdali no Mgcini walo. Lufun’ ukuti ludale ubuqela esibe singakolisi ngakububona emabandleni Enkosi. Lendawo yaka yakankanywa kwa. kulamacapaza mayelana nomzi wase Monti apo safika ikhaba elitsulayo, ebelibalelwa pakati kwabaginwa, likangeleka ngokubu. kekayo nangokwanlisayo kuba lizama ublungisa obusekwe pezu kokuhlonela Umdali nabantu. Nalapa e Qonce liyanela ikhaba Elizwini: Uyahamba uaisebenzi, kuhle. Into emnandi kukuba ikakulu kuhlambuluka intsapo evela ebubomvini, idiniwe ngamacikiciki angakuqutnbeleki ntweni. Ezalwa ngabesebehe ngama Kristu **ngati** yona iza nzima: Emakube kukuzaliseka kwe Sibhalo esiti “ ababuti bonikelo namahenyukazi bayayipangela.” sinina ? ***

Luko olubuyo lolutsha, sibona kwakona olunye n pawu lwetemba ukunxunelwa kwe uafuudo ludodana, ngokukodwa olu luguqukayo. Umzi lo uzikolo zangokuhlwa upela ; kuyafundiswa, kuyafundwa. Ungafika nangamaxesha abakululweyo abaseni ukuba baxhase ilixhapheshu amadodana elele ngezisu, epete izileti, ezamana nezibalo; nangokuhlwa kwizindlu zawo ikwiyilonto. Into efake lempembelelo asiyazi. Sixela kodwa imiqondiso ekoyo pakati komzi. Abalesi betu bayakusivumela xa sisisi ezi zindaba ezimnandi. Kulondawo misela ! Eletu kuni siyakulifuka ngenteto yasenzipi estembawo anisokuyiyeka imfuundo ningadanga nafika ekuyifuudeni nayo, siti, *Labor omnia vincit.* ***

Sisiva kwakolu dodana lupuma ebubomvini, olube luze ngomsebenzi, lwaza lwafumana itamsanqa elingatetekiyo lokukumuna Iilizwi nentliziyo etanda itfundlo, abanye bayayishiya ngoku imisebenzi basinga ezikolweni ezikulu ukuyakufuna imfezeko. Nalendawo siyayiyuyela kuba isalata ukuba lomhlambi uyanyanisa kulanto siyalatayo. Kodwa singa singawavusa amadodana ukuba atabate amaqondo mayelana nalentloko. Besisakolwa tina kukuba ayisebenze imfundo enxule nomsebenzi, kuba ewuyekile intswelo zingabuye ziwakulele kangangokuba kubonakale ngati yimfundulo leyo ibabangele intswelo. Bise-bubulumko ukuyihambisa ngokuhlwa nangamaxesha okupumla emsebenzini ; abe umntu egcine imali ayakutii akuyiquba esebenza de abeko Standard IV, ayekuqulunqwa ngayo ezikuleni ezikulu. Yingozi enkulu ukuparga ezisinaleni umutu esepantsi ngemfundo. ***

Umzi lemfundo yododana olusebenza ezidlopinu uyakuyitakazela wonke. Isiqamo sayo asanele kuba sesiyakudliwa xa ede lowo uyinyamekelelo imfundo wapumelela wayisebenzizr, kodwa siko ngoku ayiqubayo ofundayo. Okukubola kwezizimilo zolutsha ezitawuni kuvela ikakulu kwinto yokuba ulutsha luswela into olungenzayona ngamaxesha olukulelekileyo kndlungu. Afumane iroba ke u Dweible ukungenisa emntwini yonke ingcinga eyakububula ekumhlaziseni nasekumonakaliseni umntu. Ingqondo esebenza imfundo ayisakufumana matuba okungenwa zezingcinga zimbi zisebenza ububi kolikoboka lazo. Iluncedo nangalondlela lento lungene kuyo udodana. Ningahatahati ke nhlambi.

EZA.BA BHALELI.

IMIGCOBO YANGOKUHLWA.

Apa elwandle abantu bazenzela izinto zokuzigcobisa kumaxesha angokuhlwa bakukova ukusebenza emini. Lemigcobo ingamatuba okwenza imali, yenye yendlela yokuncedisa inxaso yento Zelizwi zetyalike, nezelizwe zenyama. Lemigcobo iutlantlu ntau—Tea-meeting, Concert ne Entertainment.

I Tea-meetings zintlantlu mбини, ezase tyalikeni nezongqupantsi, noko ezizokugqibela azisazeki. Ezokuqala zezisukuba zenzelwe esikuleni (School-room) apo kulingwa ukwenziwa izinto zencubeko. Kudla ngokwenziwa amaculo njalo njalo, ukonwabisa abo sukuba bezile. Ezesibini zezi sukuba zenziwe kongqupantsi, apo kuvunywa imiquku-bende, kwenziwe nezinye izinto ezisalela kwintlalo endala. Kuluvuyo ukuti ezi zesibini sezingonoxesha, liyapela elazo ixesha, ewe ngazwinye zitshabile kuvecele ezokuqala ezenecubeko. Kudala ibiyinto enkulu ukuba indodana ixake intombi nokuba zimbini nantatu xana iya kwi tea-meeting, into ongeze uyibone ngoku ngenyaniso ambalwa kanye amadodana aya exake intombi kwi tea

meeting, isizatu soko andingeze ndisixele. Abanye abantu xana beteta kwezi tea-meeting bacinga ukuba amadodana angoku ayavimba, ukuba akunjalo ma- kabe akavani nentombi. Mna njengendodana andcingi okokuba ezindawo zizizo, nditi mna zisatsho ngenano, abantu abakulu ukuya kwabo kwi teameeting bayela ukukangela ukuba u Mr. nantsi uhamba no Miss banina ukuze ke emva koko kutetwe zimbi. Ngati ekucingeni kwabo umntu akanakulicela inenekazi ngapandle kokuba abe nento zokwenza nalo njengoko inteto injalo: kanti lonto kukwazawa nokutqelana kosapo lwesixeko.

Kuko umahluko omkulu kunene kwi Tea Meeting zakudala nezelixesha lencubeko. Ezakudala bezingenwa nge 2s. 6d. ezangoku zingenwa nge Is. Ezalo maxesha akudala bezilifanele ixabiso lazo, itaffle bezidekwa ngendlela etsala ilizo lingaze lidliwe, nencama umxelo uginye amate go kodwa kwenzi ukuti ezelixesha lencubeko ziwa ngeneno kwexabiso lazo, zikapukapu, zirelerele amehlo egqi ngapaya kwazo, iti ipuma kanti sekuhleli isiqu sodwa intliziyo ilele selisona ekaya.

I Concerts zavela kanye xa zipume isongo i Tea Meetings, beziya kunene abantu yayindawo yokuzonwabisa, yokudlisa indlebe ngolilose lwamaciko nonyileyo base Iwandle—kuba bekusi-tombi ukubizwa kwemyumikazi zeloxa. Zabadika abantu njenge Tea Meetings, kuba zenziwa zaninzi, zaye zingaxelinto kupindwa pindwa ntoneye, zasuke zatshaba ke.

I Entertainments zavela zona koma amatunga kwezinye izinto, kuba zona akwanele kuvunywa kodwa, kwenziwa nezinye izinto’ ezihlekisayo. Zati ukuze zipume isoya nje zasuke zayintapane i Six-penny Entertainments zokurweba, kwenziwe i actings ezingena siqalo nasipelo, isipukumba sento osuke ungakwazi nokubalisela obengeko.

Njengobeziya ezinto ndifumene lento— abantu baya guquguquka njengento yonke esemhlabeni, basukelana netshini, kuti kwakivule into entsha ibe ligguu ishiywe endala.

Imbangi yokuba lemigcobo ingayiya njengoko ibifanele kungenxa yokwenziwa kwayo ngaba pati bayo. Endaweni yokulinga ukudlulisela kwezingapambili kusuke kubonakale ukuba kuyahlahlwa, into ekatalelweyo kukwenziwa imali qa.

Amabandla ngelesenza i Tea Mooting kanye nkonyaka ukuze akwazi ukasana. Naxa elo ibandla liyenza kanye nkonyaka zingapumelela: kuba zingantatu enyakeni, kananjalo lingahlala lisazeka ixesha lazo, zekze zilungiselelwe ngokunjalo. Kwakona, ukuze ziyiwe abapati bazo mabalinge kakulu ukukolisa abantu ngendlela zonke ze Tea Meeting.

Amabandla e Concerts ne Entertainments ukuba afuna ukwenza into enenkozo makafunc umpati ovutiweyo kwi music ukuze akwazi ukubakolela nokuba luleka abo abapetyo, bangasuke abapetweyo nopetyo babe mqaeweni mnye. Balinge ngako konke ukuhlala besiza nento entsha kuba pulupuli ukuze babalule; kananjalo ihlale incencasa into abayenzayo, balinge ngapezu konke ukuyenza kakuhle nangemfezeko lonto sukuba beyenza. Abantu bakolisile ukuya kuvela ezama Ngesi i Concert, Entertainment ne Theatre ; ke ngako oko baya qonda xana bedliswayo.

XAKALASHE.

NGOKUHLANJULULWA KWEZIMILO,

Unyanisile wena mfondini uteta uti ihlazo alaziwa siti: owenze ububi ufana nomgcini-similo—uzekela kule mithshato ichite ucebano? Kanti ke akukaboni mfo wam amanyala akoyo ukuti umntu ozibizir ngoburamente titi intombi baye ayinike umntu owatshata ngotshato lokukanya imana iengqqa amaqekelana abantwana bomfo onomfazi wake, abemana umkonzikazi bebleka yena. Buramente bunina abo bufundisi be Nkosi? Kuti mhlal kufike imfundisi eze kunika umtendeleko basondele nabanjalo. Nakuba nditeta ngabufundisi ndiyazi ukuba ezizinto abazazi ngetuba lokuba zite sa iramente zabo.

Ndicela umtandazo kuba kutandazulwe udodana lwetu ukuba Umdali aluncede lungangeni kulomkondo wabenzi manyala ukuti umntu onmfazi wake, wenza ucebano lokuba baya kwahlulwa kukufa, namhla alulahlé. Wanga ungati umtandazo endiwucelayo zihlobo nitandazele ngokukodwa olusezi ofisini, alugcine Ozele-zibeke lungangeni udodana kula manyala okuba u Satana sele lengalengisa intokazi ezimana ukuti *Moyiyiya*, angahendeki azingenise esilingweni. Kuba kaloku ahlaa apo silindele yonke imiteto elungileyo,—siwa-kangelela pambili, siwapakamisa nokuwapakamisa kuba ahleli enkundleni yomteto. Wafondolozé Somandla angenzi nyala. Ndicela umtandazo ku wo wonke umzi ubhekise ku Somandla ukuba anike izipata mteto zobukumkani bo Mntan’omhle ziyinike ingalelo lento yeli nyala siva ngalo—imithshato echitweyo. Ati u Rulumente ukuba kekwako nokuba abemnye oti em’pe umsebenzise ofisini yake wasuka wenjenje wenza esisono sinje, angangwanqi amuse, kuba ingati lento ipakati ezindlwini zakomkulu, ibembi, ijalise. Abapati betu ngati bayasivuna esisono, kanti hai. Nawe menzimanyala ‘msukuhamba ungena kuzindlu zabantu bonke, keta ezabo ubonayo ukuba lamanyala, nesisono sako bayakolwa siso.

Mfondini wakwa Tato sikohliwe, silingekile ngabapuli luecbano lomtshato. Akwaba kungavela ndoda isixelele iqinga lokuba singadelani nabo njugabo babonisayo londoda ye Palamente.

OWASE LUTUKELA.

EVYASE Free State i Palamente yahlukene ngolwesi Bini Iweveki egqi ileyo.

F RMERFIELD.—Uthhla we 25 June, ya yingumhla omandni kunene kwezintlambo zase Farmerfield. Ibi yi Anniversary yosapo. —Kungenwe nge 10.30 kusasa inkonzo. Lwavitwa usapo lwenza isimanga, zati nezn e igcelezo zabantwana zenziwa ngoku ncomekayo. Kubonakele kubako itemba ngesihlalo salomzi lmdala wento ka Shaw.—Uya uvuka ngayo yonke lemnyaka. —Siyavakala isandi sokdibana kwamatambo—itambo kwelinye itambo.— Lomzi ubusoufuna nalamatambo abhaqwa ngumprefrite u Hezekia ezintlanjeni zase **mpumalango**.

UVIWO LOKUQALA LWEZIKOLO-

Sipakela umzi ingxelo yoluviwo lwentsapo olwalungo April. Ababengenise amagama babegqitile ewakeni—1,330, baza abangenayo ba 1,295. Abapumelele *First-Class* 240; *Second-Class* 690; abangapumelelanga 365. Abafelise kw English 184, 94 kwi zibalo, 164 kwi History, 83 kw Jografi, 273 ababebutataka kazo zonke. Sidwelisa amagama abantu nabavela kwizikolo zetu :—

SCHOOL HIGHER EXAMINATION.
48 Gray, James, Lovedale.
213 Geddes, Alex., Lovedale. SCHOOL FIRST CLASS.
41 Bikitsha, Healdtown,
61 Tlmas Percy, Bensonvale, 72 Alli? K. Welsh, 83 S. A.; Mahlentle, Lovedale,
111 Katherine E. Hurt, Bensonvale, 128 Bennie Mahlasela, Clarkebury, 184 Julius Ngxola, „ 188 Amos Qunta, Blythwood, 198 Charles Kinsley, Lovedale, 203 Elihud Sitela „
209 Peter Mti, St. Matthew's, 212 George Rogers, Lovedale, 225 Jesse Peter, „

SECOND CLASS.
241 Amelia Siema, Lovedale, 252 Joel Mahlaka, Blythwood, 259 Walter Jijana, Clarkebury, 274 Enoch Sangoni, 282 Richard Maaiki, Blythwood, 303 Beuben Kwaza, Healdtown, 317 C. Henry Msikinyia, „ 322 Adolph Bottoman, Lovedale, 363 Lilie Chapman, Bensonvale, 390 Gordon Sonqishe, Lovedale, 399 Ella Tyamzashe, Lovedale, 402 Sophia Ndandwa, Healdtown, 410 Allison Sanqella, Lovedale, 421 Mti, Lovedale, 426 Josiah Kumalo, Lovedale, 466 Charles Weir, Lovedale, 472 Elijah Javiya, Blythwood, 526 Joel Mpondof, Blythwood, Eliz. Zokofa, Lovedale, 532 Charlotte Hunter, Lovedale, Fredrick Lethlab'ka, Bensonvale, Garner Mdeleeni, Lovedale,
539 Elisha Mda, Transkei, 548 Solomon Kiviet, Lovedale, 552 Josiah Mguli, Lovedale, 571 Horace Nonkwele, Clarkebury, 576 Geo. Dlakiya, Healdtown,
Jane Lokwe, Lovedale,
612 David Cembali, Clarkebury, Lennox Tshaka, Blythwood, 617 Geo. Knoll, Lovedale, 630 Stephen Makania, Clarkebury, 637 Jno. McGillvray, Lovedale, 655 Martha Mo'O, Lovedale, 663 Isiah Mahlali, Clarkebury,
Robisa Mngane, Lovedale, 668 Frank Brownlee, Lovedale, 674 G. Wm. Dick, Healdtown, 689 Palmer Mgweityana, Clarkebury, 694 Arthur Taunton, Lovedale, 717 H. Mdolomb, Healdtown, 726 E. Magayo, Healdtown, 756 Ndaba, Jafra, Heald Town; Magaba, R., Heald Town.
758 Waters, R., Clarkbury.
782 Magodla, Jam., Lovedale; Munyuku, C. Clarkebury,

794 Dymann, R., Blythwood.
811 Oulong, H., Lovedule.
815 Nejame, C., Lovedale.
816 Ngoyi W., Lovedale.
836 Marven, W., Lovedale.
842 Ngeaiyiya, M., Lovedale.
844 Phoolle, A., Bensonvale.
849 Edwards, G., Lovedale.
858 Bala, P., Clarkebury; Norris, O., Blythwood.
876 Tidi, T., Bensonvale.
896 Smith de, Walter, Lovedale.
909 Mfihlo, C., Clarkebury.
923 Mzamo, Alice, Lovedale.
926 Mzamo, Claslihu.

Amacapaza nge Kimberley.

[NGU DAYIMANI.]

Kimberley, July 2, 1890.

KUTE XUM TU.

Akusabonakali nto iziudaba epepeni apu ngalomzi kungabiko kangaka, kanti kutiwa izityudimi ziphelele apa kodwa ngo never mind abajonge inyushu kupela, kanti abazalwane 'abase Koloni bazita- nda kakulu indaba zeti lembokotwe.

UMFUNDISI OMTSHA.

U Rev. Mr. Conjwa owalatelwe apa e Kimberley yi Nkomfa egqitileyo ugaleleke kweli lembokotwe ngembula mbete yomso wo Mgqibeloogqitileyo, 28th June, 1890, kunye nosapo Iwake. Abatetati bati usemtsha umfundisi.—Kulungile.

ITIMITI E WESILE.

Lembiniyo yentlanganisombi emuni kambe omnye ibisenzelwa ukumakela umfundisi omtsha ngokuhlwanjwa ko Mvulo, 30th June, 1890, kweyama Wesile e Malay. Mzimba upose amazwi ate usengo nyayo Camp apa. Bane baninzi abantu ngoku baki ngangokubazimanzi; ukuba ebe ngumfazi ngeba kuxinane kungabiko nebala lokuma ngenyayo zona usanguxile, solokoke uyindoda. Ukuba kwake zodwi (engaba ikwasinesinye isizatu sokonakalis kwalo apa utunywe yintlanganis yabafundisi ukuba ngabo ubumkulu kangaka endlwini. Inkatazo yonke azokugalele isiseko sokuba kumise umzi wazi ngokuba kwakwange dyasi, neqhuya, zikafi emiqaleni, ngokuzaqale kwase Queenstown epelekelwe ingazilungisanga kwinto afanele kukuba umntu azilungis yimintandazo kwada kwase Alvane nase nxa aya kuyo. Kubeko nezihlobo ezi mhlope, u Rev. J. Rouxville. Ute akeze kribanga, uze kuquba Morris (obepete isi blalo) nelinye inene nenenekazi, umsebenzi, kuba wona umkulu, anga ke ngoko Emve ni kokuyivula ngesiko intlanganis Umpati-sihlalo bangati abazalwana baka base Wesile nabase pakati kwengokulo enkul nama hemhem nbize u Mr. J. W. Tshatshi bati ukuuququba kwabo umsebenzi Sepuri Igosa, ukuba afunde i address ebilungis seljewe bubambisane. Yena uzokwendela kwintombi umfundisi, esinosizi ukuti ayi banga nakuvakala kakuhle entsha, nakuba elixego. Kekaluku nalendoda ngenxa yingxelo, ite yakugqitywa wapakama Mr. Conjwa ukuba enze awombuleli koko ingavakalanga into ka abeyiteta, kodwa pakati kwenteto ebemfutshah ngesizatu ka Solomon wasikelelwa ngu Tixo kuba wayefuna ukuba kwakiwe indlu yinkonzo, ze umfundisi " uyiboni into abayiyi abantu base Kimberley; ke nani nyisukele londawo. Masingungane, ati kanye lanto ayixelwelele ukuba kwake, ayilihoyanga ezee namanve angangeniyo. UZokuqala umsebenzi. Liko itemba. Uti akubhekabhekha abone kuko no dade iti londawo imvuyise kakulu, kuba apa kwa Tixo umsebenzi ucuyiswa ngodade. Ubulele lamadoda amhlope kakulu kuba ezokwenza isihomo kintlanganis O Messrs. McBride, Shepherd no Hon. Jno. Tudhope, nabo benza amazwi enkutalo netixalenye yabantsundu kwangokunjalo. U Mr. John Mtshuli ute entetweni yake wateta ngododana lwase Koloni olufundisiweyo, nolwase Natal— nalo olwafundiswa e Koloni—ukuba luti lwakufika xweli lase Rautini luzijibale; ati naba ngema Kristu ati mhla awela i , Ligwa abashiy e apo ubu Kristu babo.

Lenteto yomfo ka Mtshuli (umshumayeli) yaviwa kakubi yinxenye yododana ngokukodwa yimpi yase Natal, into zo

izilaula ngokwayo intlanganis, ekude enzuzwini wabonakala wona umlisa iveyini— indlavini—usapo abangangeni isizi oyise e Lovedale, Gqumahashe, Transkei, ewe e Koloni yonke ukuba n misela besinokuwubiza ngamagama ngomso ukuba ubuyi wapinda eno ezingoma ebivunywa zi choir ine ebeziko kobo budididi bentlanga iso, ayibanga nancasa ngenx' enokungalisi akali yingxolo yabate ngelabo bazokumana umfundisi. Iboysisi abapati oi intlanganis yapatwa ngabafana abade igxotwa. Yapuma ke intlangano enje kubambi, engabanga nambeko, kuzola, engena ndlebe, endingekayazi enjalo, omfundisi akayi kulibala, efanele. we kutiwa " nobabona ngezixakato ibo," kwangokunjalo nezibhoxi nzima ngezinxibo zazo nxa ziya kwimbuto Y jmigeoboo onjengalo. Lihlazo— ndiyeke it xebe.

<

HE KE!

Esinye sezibhoxi sisentanjani siteta j, je ngokusuke sigenze sigqitise kulomgqobo, sisuke saqiwula isitshetshe samane guggasinjo pakati kwabantu apa sisiti iya kuhlaba umntu, bade benza imizamo yokumkupa lomo ate akuba pandle aselekumbula komnye wabo bebemkuma endlwini, u Fulekni Roro, osinde \$ so sipompotelana sesingqawizi-gqwizila gemela leyo, abayihlute singekade si- lenzakalise noko, kanti seleko amapolisa antabata akwa mweye Nkoxasana ihofel. Eye pambi komantyi namhlanje avuzwe ngenyanga yonke esebenza o fuluni. U Popi ngegama akazitandi akade.

ITIMITI KWAKONA.

Siva ukuba ngokuhlwa ngo-Mvulo, th July, 1890, kuyakubako kwalomgqobo weyase Rabe (Barkly Street Church) abantsundu. Umlisela nomntjanga uze izole ukuze ugeobe kahle.

IBHONGO LE TENNIS.

Beke kwamane ukubako unchum wenteto yokungati amanekazi azakumisa t Club ye Tennis, site sixaxonxe indlebe iba lento yode ipumelele, suka kwati ' waka, asazi nokuba lonto iwile, ilityelwe kusinina, kanti lamanekazi akayilibali i rona i fiteen yakwa Mgibisa. Au! mananekazi ase Kimberley iphelele pina kaloku i Tennis?

IZIKOLOBOHO.

Umsebenzi uko wanqabi ngokungatembisayo kwinyanga ezigitileyo ngenxa yokulawula kwezikwati bagxotwa abantu kwanzima emadodeni ngoko. Kute kwakuba njalo kwabonakala kungeko kunceda ko Joseph, no John, no Jim laqubula ihabulsaka zazala umoya ukulinga kulendlela kalolime imbwayo i suka apa iya e Bechuanaland. Zibuyi lavalwa izikwati kwinyanga efileyo ngoko ke sivuya ukunye namadoda aqhele ("dambulo" kuba besekuzima ezinkukwini—danke.

0 Rev. P. J. Mzimba e Johannesburg.

[NOOWAKONA.]

Iveki eqale nge 5th May ibiye balulekileyo kumzi ontsundu e Johannesburg. Kute kwange veku engapambili kwako udumasi lokuba kuko umfundisi ontsundu ozayo. Ite yakufika iveki yokufika ko mfundisi waba nevuso umzi. Isicaka se Nkosi sigaleleke apa ngomhla we 8th May kusasa yave ibiyimni ebanda kunene. Ngomhla we 9th May impi entsundu yamhlisa umfundisi nge Teameeting eyayi nomculo. Le timiti yaba nesitozela ngobuko be elders zika Mr. Allan o Hon. Jno. Tudhope (late Colonial Secretary), Messrs. F. W. Bompas, Jno. Tudhope, jr., Mr. and Mrs. McBride, Mr. and Mrs. Bilbrough no Rev. Mr. and Mrs. Allan. Lite lakupela ixesha lokudla kwafuneka kuqutywe umculo; wona upetwe ngu Mr. Solomon Govo obesakuba yi teacher yase Burnshill. U Rev. A. Allan uvakalise into azelele yona u Mr. Mzimba—umsebenzi omkulu awutanyi- weyo ukutza kufuna intisizana ezingazanyio ne Nkosi, nokukangejika ukuba kungakona nto yenziwa yona ukumiswa iNative Presbyterian Church. Nankoke umfundisi wenu. I Programme ibe ne pieces zo Messrs. Solomon Mo. ali, Isaac Low, Thomas Levi, Solomon Govo, E. Nyati, Gordon and Peter Figilan, Miss Annie Solomon, Imvumo yayi mnandi nakuba ingeze itekisise nemvumo zase Koloni kuba kweli lase Transvaal into ezintombi zokuzuma. Into ezi zambi kuba kwati kanti kuko imipefundo bhandezelekileyo tina sigoba nje, kuba kwasa kuko izidumbu ezibini eziqungululwe ezitrateni; omnye ugumlungu ole butywala, omnye ngo ntsundu oqangqululwe isisu wanqanyulwa noqoqo ngobhoso. U Rev. P.J. ko Mvulo, 30th June, 1890, kweyama Wesile e Malay. Mzimba upose amazwi ate usengo nyayo Camp apa. Bane baninzi abantu ngoku baki ngangokubazimanzi; ukuba ebe ngumfazi ngeba kuxinane kungabiko nebala lokuma ngenyayo zona usanguxile, solokoke uyindoda. Ukuba kwake zodwi (engaba ikwasinesinye isizatu sokonakalis kwalo apa utunywe yintlanganis yabafundisi ukuba ngabo ubumkulu kangaka endlwini. Inkatazo yonke azokugalele isiseko sokuba kumise umzi wazi ngokuba kwakwange dyasi, neqhuya, zikafi emiqaleni, ngokuzaqale kwase Queenstown epelekelwe ingazilungisanga kwinto afanele kukuba umntu azilungis yimintandazo kwada kwase Alvane nase nxa aya kuyo. Kubeko nezihlobo ezi mhlope, u Rev. J. Rouxville. Ute akeze kribanga, uze kuquba Morris (obepete isi blalo) nelinye inene nenenekazi, umsebenzi, kuba wona umkulu, anga ke ngoko Emve ni kokuyivula ngesiko intlanganis Umpati-sihlalo bangati abazalwana baka base Wesile nabase pakati kwengokulo enkul nama hemhem nbize u Mr. J. W. Tshatshi bati ukuuququba kwabo umsebenzi Sepuri Igosa, ukuba afunde i address ebilungis seljewe bubambisane. Yena uzokwendela kwintombi umfundisi, esinosizi ukuti ayi banga nakuvakala kakuhle entsha, nakuba elixego. Kekaluku nalendoda ngenxa yingxelo, ite yakugqitywa wapakama Mr. Conjwa ukuba enze awombuleli koko ingavakalanga into ka abeyiteta, kodwa pakati kwenteto ebemfutshah ngesizatu ka Solomon wasikelelwa ngu Tixo kuba wayefuna ukuba kwakiwe indlu yinkonzo, ze umfundisi " uyiboni into abayiyi abantu base Kimberley; ke nani nyisukele londawo. Masingungane, ati kanye lanto ayixelwelele ukuba kwake, ayilihoyanga ezee namanve angangeniyo. UZokuqala umsebenzi. Liko itemba. Uti akubhekabhekha abone kuko no dade iti londawo imvuyise kakulu, kuba apa kwa Tixo umsebenzi ucuyiswa ngodade. Ubulele lamadoda amhlope kakulu kuba ezokwenza isihomo kintlanganis O Messrs. McBride, Shepherd no Hon. Jno. Tudhope, nabo benza amazwi enkutalo netixalenye yabantsundu kwangokunjalo. U Mr. John Mtshuli ute entetweni yake wateta ngododana lwase Koloni olufundisiweyo, nolwase Natal— nalo olwafundiswa e Koloni—ukuba luti lwakufika xweli lase Rautini luzijibale; ati naba ngema Kristu ati mhla awela i , Ligwa abashiy e apo ubu Kristu babo.

Lenteto yomfo ka Mtshuli (umshumayeli) yaviwa kakubi yinxenye yododana ngokukodwa yimpi yase Natal, into zo

Kumalo nezo Xaba zazizi bingi-bingi. Lendawo the pendulum was beginning to swing back in the direction needless, mischievous, changes under the old benevolent phrases of advantaging the Natives in a way that Natives and their friends could not understand. At any rate the change of Government will give us breathing time, and for ought we know it may be the precursor of a new and hopeful era of real beneficent reform, and absolute confidence in the country's rulers.

